

MASINCIPHISE IZINGA ESISEBENZISA NGALO AMANZI

LUNGISA IIIMPOMPO EZIVUZAYO

Amanzi avuzayo namanzi abaleka njee ngawona magongqongqo agqiba amanzi esizweni. Le ngxaki iya ngokuqatsela xa izinto ezivuzayo zingaqatshelwa namanzi ayekwa nje ampompoze emhlabeni engahoywanga ixesha elide. Yonke nje into evuza amanzi emzini wakho iluxanduva lwakho. Yonga amanzi wonge nemali yakho. Ngoko ke nazi iindlela zokuhangela izinto ezivuza amanzi kwakho, oku kuquka neendlela ongayilungisa ngayo le ngxaki.

UWABONA NJANI AMANZI AVUZAYO EMZINI WAKHO



CIMA YONKE INTO ESEBENZISA AMANZI KWAKHO

Vala zonke iimpompo zakwakho, ungagungxuli nasezindlwini zangasese.



QAPHELA UBHALE OKUBONAYO

Funda iimeter zamanzi owasebenzisayo, ubhale phantsi loo manani uwabonayo.



LINDA KANGANGEMIZUZU ELI-15 UBUYE UFUNDE IIMETER ZAMANZI KWAKHONA

Qinisekisa ukuba akukho mntu usebenzisa amanzi de ubuye ufunde iimeter zamanzi kwakhona emva kwemizuzu eli-15.



UKUBA NGABA UBONA UMAHLUKO KUMANANI AKHO, LOO NTO IYAXELA UKUBA IKHO LE NTO IVUZAYO KWAKHO, KWAYE YILINGISE

Ukuba amanani akho enyukile, loo nto iyaxela ukuba ikho into evuzayo kwakho. Xa kunjalo ke, yenza ngokomyalelo kaMasipala.



TSALELA IIPLAMBA ZIKUNCEDE UTYWINE OKO KUVUZA

Ngaphandle kokuba unakho ukuyenza ngokwakho le nto.

ZINTATHU IINDLELA EZILULA ONOKUZILUNGISA NGAYO IZINDLU ZANGASESE EZIVUZAYO

Indlu yangasese evuzayo ilahlala amanzi aphakathi kweelitre ezingama-2 600 nama-13 000 ngenyanga. Oko kuxhomekeka nakwindlela avuza ngayo loo manzi. Impompo evuzayo ilahlala amanzi aphakathi kweelitre ezingama-400 nama-2 600 ngenyanga.



Mamela amanzi abaleka ngaphakathi ethobhini lendlu yangasese.



Beka intwana yephepha apha ngasemva ethobhini. Ukuba eli phepha liba manzi, loo nto iyaxela ukuba ithobhi lakkho liyavuza.



Tsitsa amathontsi omxube wokudaya ukutya ali-15 apha kwisitya sokugungxula. Ukuba emva kwemizuzu eli-15 loo manzi sele etshintshe umbala, loo nto iyaxela ukuba isitya sakho sokugungxula siyavuza.

Xa ungenakho ukutsalela iiplamba zize kulungisa oko kuvuzayo endlwini yakho, qinisekisa ukuba rhoqo ugungxula uayavila itephu encinanana ephaya emazantsi endlu yakho yangasese.

NCEDA UFAKE INGXELO KWAMASIPALA NGEZINTO OZIBONA ZIVUZA ESITALATWENI SAKHO NAKWEZINYE IINDAWO ZASEKUHLALENI.

WATER IS LIFE - SANITATION IS DIGNITY

TOLL FREE: 0800 200 200

www.dws.gov.za



water & sanitation

Department:
Water and Sanitation
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



miss
earth
SOUTH AFRICA



MASINCIPHISE IZINGA ESISEBENZISA NGALO AMANZI

IINDLELA EZIPHAMBILI ZOKONGA AMANZI



PHINDA USEBENZISE AMANZI ASEBENZILEYO KWENYE INTO

Sebenzia amanzi obuhlamba ngawo, asuka koomatsuni bokuhlamba iimpahla, nasuka kweziye iindawo ezicocekileyo unkenceshele isitiya sakho ngawo.



ZIHOLE QHO IIMETER ZAMANZI

Izinto eizivuzayo zimossa into eninzi yamanzi ngemini.



SUKUHLALA KAKHULU ESHWARENI

Beka ibhakethi eshwareni likhongozele amanzi ngelixa ushawara. Cima amanzi ngelixa uhlamba iinwele, okanye ngelixa usimela isepha emzimbeni.



HLAMBA NGAMANZI AMANCINI

Amanzi ohlamba ngawo makabeszantsi kwisitya eso uhlambela kuso. Xa ushawara, chitha nje imizuwana engama-90, umana uyivalavalala impompo le lo gama usimela isepha.



SUKUSHIYA IMPOMPO UNGAYIVALANGA

Vala iimpompo xa uhlamba izity, xa uhlamba amazinyo okanye xa ucheba iindevu.



NGAMAXA OHLAMBA NGAWO IMPAHLA ENINZI EMATSHININI

Hlamba ngomatsuni xa impahla ininzi.



FAKA INGXEO NGEZINTO EZIVUZAYO

Faka ingxelo kwamasipala ngezixhobo eizivuzayo ebumelwaneni bakho.



KHUTHAZA ABANTU UKUBA BONGE AMANZI

Khuthaza izihlobo nosapho ukuba baze nawabo amacebo okonga amanzi.



NCIPHISA IZINGA OSEBENZISA NGALO AMANZI

Faka iintloko zeshawara eziphuma kancinci amanzi okanye izilizasizi-manzu kuzo zonke iimpompo zakwakho.



UKONGA KWAKHO AMANZI MAKUNGAKWENZI UDE UGULE

Kubalulekile ukuba uhlambie izandu xa uphuma endlwini yangasese. Yivale impompo lo gama usimela izandu.

AMANI OMAWUZIQHELANISE NAWO

Ilitre ezingama-50 : lo ngumlinganiselo wamanzi amele kusetyenzisa ngumntu ngamnye oseKapa ukusukela kumhla wo-1 kuFebruary ka2018.

I-41%: Eli liqaqobana labantu baseKapa abasebenzia amanzi ngaphantsi komlinganiselo weelitre ezingama- 87 litres ngemini.

Yintoni onokuyenza nge- 50 litre ngemini



II-LITRE EZI-2
NGAMANZI OKUSELA



II-LITRE EZI-2
NGAMANZI OKUPHEKA



II-LITRE EZI-2 NGAMANZI
ONOKUWASEBENZIA
KWIMICIMBI YEZEMPILO



II-LITRE EZI-15 NGAMANZI
ONOKUWASEBENZIA
KWISHAWARA YEMIZUZWANA
ENGAMA- 90



II-LITRE EZI-11 NGAMANZI
OKUHLAMBA IZITYA
NEMPALHA



II-LITRE EZI-18
NGAMANZI
OKUGUNGXULA KABINI